Uniting Reformed Church in Southern Africa

Regional Synod Cape – ISinodi-phondo – LaseKapa

Moderator: Rev.Dr LLM MacMaster ***Assessor: Rev. E Vinqi***
Scribe: Rev. HH Tromp ***Actuarius: Rev. LL Plaatjie***

Additional Members: Prof. MA Plaatjies-van Huffel, Sr. MN Mplatyi , Rev. J Williams & Br. S Dandala
Belhar Synodical Office
Private Bag X1, Belhar, RSA 7507
Tel. 021-952-2151 / Faks : 021 952 5806
E-mail: scriba@vgksa.org.za

---

17 March 2020

INCWADI YOBUMALUSI EVELA KUBAHLALI NGAPHAMBILI BESINODI-PHONDO LASEKAPA NGOKUPHATHELELE KUKUQHAMBUKA KWE COVID-19.

Incwadi eya kubeFundisi, amaQumrhu lamaBandla, kwakunye namaBandla

Sinibulisa ngeGama elinamandla lalowo uhleli esoyisa iNkosi yethu uYesu Krestu.

Ngomhla we 15 March 2020 uMongameli wesizwe u Cyril Ramaphosa uchazele isizwe ngokuqhambuka kwentsholongwane I Covid-19. UMongameli uvakalise imo yonxunguphalo waza kananjalo wavakalisa neendlela zokumelana nesi sifo kwanokunciphisa ubuzaza bale ntsholongwane kwindawo esihlala kuzo.

AbaHlali ngaphambili beSinodi-phondo laseKapa bathe ngomhla we 16 March 2020 babamba intlanganiso esisikhawu ngomnxeba becamngca nzulu ngokuba bangathini na kule meko yalo bhubhane. Sifuna ukuzisa esi sikhokelo kumaBandla:

1. Siyayiqonda kakuhle imeko yokwahlukana kwendawo kwakunye neemeko ezizodwa kuwo onke amaBandla akwimida yethu nakuMzantsi-Afrika uphela.
2. Siyaqonda okokuba kufuneka kuthatyathwe amanyathelo akhawulezileyo okunciphisa ubuzaza bale ntsholongwane
3. Ngoko ke abaHlali ngaphambili beSinodi babongoza onke amaBandla okokuba athi kwiindibano zonke abazakubanazo bazibandakanye nesingcwangciso eso sele sibekwe nguMongameli welizwe.
4. Sikhuthaza onke amaBandla okokuba kungcono ukuba iintsapho zikhonzele ezindlwini zazo endaweni yokuba bahlangane kunye kusuku lwangeCawa okanye kwimithandazo
5. Oku kuyakuthetha ukuthi umthendeleko nobhaptizo awuyi kwenziwa
6. Okwangoku oku kuyakuthetha ukuthi makusetyenziswe zonke indlela zokunxibelelwano ukudlulisa inkcazelo, inkuthazo kwakunye nokukhathelelana ngokobumoya kwamalungu.
7. Ngokuphathelele kwimingcwabo, sicela iintsapho ukuba zibe neenkonzo ezincinane ezisekhusini apho kungayi kubakho bantu baninzi
8. Abefundisi, amalungu amaQumrhu amaBandla kwanonompilo kufuneka bathi maxa onke bajonge imeko yokhuseleko ngokwasempilweni ngokuthi kuhlanjwe izandla, xa besenza utyelelo, umgama kufuneka ube ngange mitha (1 metre) phakathi komntu lowo kungabikho

kudibana ngemizimba. Kukwimeko ezizodwa apho kufuneka kutyelelwe. Ezinye imeko zinokuthi zenziwe ngokunxibelelana ngomnxeba.

9. Yonke imibhiyozo ecwangcisiweyo kwanenkomfa zawo onke ama Lungiselelo(Ministries) zikhe zimiswe okanye zirhoxiswe
10. Siyakuqonda ukuchaphazeleka kwicala lengeniso yeze mali ngenxa yalemiqathango kungoko sikhuthaza ukuba onke amalungu okokuba ahlale eqhubekeka ethembekile ngobugosa obububo ngokukhathalela indalo kwakunye nommelwane.
11. Sicela ilungu ngalinye lasekuhlaleni libonakalise uvelwano phantsi kwezimeko siphila kuzo
12. AbaHlali-ngaphambili beSinodi bamema bonke abefundisi, amaBandla kwakunye nabaHlali okokuba bangenelele ngokuthi ngomhla 22 March 2020 sonke sithandazele ilizwe lethu kwane hlabathi liphela.

Masihlale sithembekile, masikhuselane sithanda indalo kaThiso.

Masihlale siqhubekeka sifuna iindlela zokuvakalisa indaba ezilungileyo ezinge Nkosi Yesu Krestu

Maluthi ubabalo lukaThixo siluve lusanele ngamaxesha onke

Musa ukoyika, kuba ndinawe mna, musa ukubheka bheka, kuba ndinguThixo wakho, ndikukhaliphisile, ewe, ndikuncedile, ndikuxhasile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam. (Isaya 41:10)

AbaHlali ngaphambili be Sinodi
Mfu. Gqirha LLM MacMaster
Mfu. E Vinqi
Mfu. HH Tromp
Mfu. LL Plaatjie
Mfu. Prof MA Platjies Van Huffel
Mfu. J Williams
Mdala NM Mplatyi
Mdala SS Dandala